



IBhayibhile yam

yokwenza nokufunda

INcwadi-2

Amabali ayebaliswa
nguYesu



IBhayibhile yam yoKwenza nokuFunda INcwadi-2

My 2nd Bible Do and Learn Book is the next level of our Bible-based literacy series. It is based on the Do and Learn method which actively involves learners with all their senses in the learning process. Teaching is made easy through the use of colourful illustrations, icons, **flashcards and activities such as reading, writing, numeracy, drawing and singing.**

IsiXhosa Literacy Project
First digital edition 2016

© Bible Society of South Africa 2016

Author: NP Ncapai

Editor: NF Saliwa-Mogale

All rights reserved. No part of this book may, without prior written permission of the publisher, be reproduced or transmitted in any form or by any means, electronic, mechanical or otherwise, either through photocopying, writing, audio recording, or any other system for information storage and retrieval.



Published by the Bible Society of South Africa
PO Box 5500, Tyger Valley 7536, Bellville
www.biblesociety.co.za

ISBN 978-0-7982-1967-9

Indlela yokusebenzisa le ncwadi yabantwana

Abantwana bafunda ngelizwe abaphila kulo besebenzisa zonke iimvakalelo abanazo. Izinto ezifana nokubonisa, ukusebenzisa amagama, ukusebenzisa amehlo, iindlebe neentshukumo zezandla kunye nezixhobo ezibancedisa ukuba bamamele izinto ezithile, zibanceda ekukhumbuleni izinto. Oku kubandakanya ukumamela amabali, ukuphinda-phinda amagama nokuwakhwaza, ukucula, ukuqhweba, ukwenza imidlalo, ukulinganisa, kunye nezinye iindlela. Landela le miyalelo kakuhle, ngakumbi kwezi zifundo zokuqala. Sebenzisa oonotsheluzi abakwiphepha elinguA3 ukwakha izivakalisi nesigama (jonga iphepha elisembindini wale ncwadi). Sebenzisa ezakho iingcinga usebenzisa loo nto ubona ukuba ingakusebenzela wena, eya kuthi incede abantwana.

Khumbula: izakhono ezingundoqo zokufunda nokubhala zezi:

1. Ukufunda izandi (usebenzisa iintshukumo, imifanekiso, iimpawu, njalo njalo).
2. Ukuchonga izandi kumagama.
3. Ukuhlenganisa izandi, ukutsho oko, ukudibanisa izandi ukuze zikhuphe igama.
4. Ukufunda iimilo zezandi.
5. Ukufunda ukubhala izandi namagama.

Landela izikhokelo!

Imifanekiswana engezantsi inceda utitshala nabafundi ukulandela imiyalelo yesifundo eso.

 Umncedisi/utitshala uyafunda ze acacise.	 Khangela - abafundi bachonga/bakhangela amagama.	 Ipensili - abafundi bayabhala.
 Thetha - abafundi baphinda amagama okanye baphendule imibuzo.	 Funa ufumane - abafundi kufuneka bafumane izinto okanye amagama.	 Ipensili enombala - abafundi bayazoba okanye bafake imibala.
 Masisebenze - ibonisa umsebenzi wabafundi.	 Ukuqhweba - abafundi bayaqhweba babale.	 Ukutikisha - abafundi batikisha impendulo echanekileyo.

Izikhokelo ezimbalwa:

Isifundo 1: Imvu elahlekileyo

Titshala/Mncedisi: Khomba umfanekiso wegusha ekoneni esekunene uthi: “Eli gama lithi, igusha”. Phindani emva kwam, Eli gama nigxininise kunobumba u-g” masithi g g g sonke. Khanindibonise igusha ukuba injani na ke”. Abantwana balinganisa igusha ukuhamba nokukhala kwayo. Khomba igama elithi, “umalusi” Wenza ntoni umalusi? (Walusa/ujonga izimvu okanye iigusha).

Bonisa: Khetha umalusi okhokela iigusha azise ekoneni. Bacacisele” ngokulahleka nokufunyanwa”. Makuthethwe ngezehlo zokulahlekelwa nokuba yintoni na efana nesihlangu okanye nantoni na enxabiso. Mabakhangele ukuba igama elithi igusha/imvu livela kangaphi na ebalini.

Ulwimi: Bacacisele ngexesha langoku nexesha eladlulayo. Yohlule iklassi ibe ngamaqela amabini, iqela langoku neqela eladlulayo. Bafundele izivakalisi baziphinde emva kwakho.

Ixesha leBhayibhile: Bafundele ibali okanye isishwankathelo sebali. Ikwalthuba lokuthandazo elo.

Ukufunda nokubhala: Mabagqibezele amagama abhalwe ngamachokoza, mababhale ezincwadini

zabo ukuba indawo yokubhala ayanelanga. Mabaqale babhale emoyeni nasezidesikeni phambi kokuba babhale ezincwadini zabo. Bangabhala nasesantini xa befundela phandle.

Umsebenzi: Bafundise iculo: “Baba black sheep”.

Isifundo 2: Idenariyo elahlekileyo

Titshala/Mncedisi: Khomba kwigama elisebhokisini, “idenariyo”. Biza igama, “idenariyo” abantwana baliphinde emva kwakho. Yenza njalo naku-“isibane”.

Funda ibali: Emva koko babonise imifanekiso-magama. Qhwaba ukusuka ku-1 ukuya ku-10 ngeli xesha ubiza amanani. “Umfazi ohluphekileyo wonwabile”. Wonwatyiswe yintoni? Bonisa ukonwaba. (Yenza ubuso obonwabileyo nobuso obungonwabanga).

Ulwimi: Gxinisisa kwisinye nesininzi umz; idenariyo elahlekileyo – iidenariyo ezilahlekileyo.

Ukufaka imibala: Mabafake imibala kwiimilo ezisephepheni.

Masifunde: Mabafunde isivakalisi esisezantsi ephepheni.

Masibhale: Mabagqibezele umsebenzi osekupheleni kwephepha.

Ixesha leBhayibhile: Funda ibali uthandaze.

Isifundo 3: Umalusi olungileyo

Titshala/Mncedisi: Khomba umfanekiso wengcuka ubuze ukuba babona ntoni na. Eli gama lithethi, “ingcuka” libizeni emva kwam, “ingcuka”, utsho ubabonisa umfanekiso. Kwakhona khomba umfanekiso wesango. Eli gama lithi, “isango”, libizeni emva kwam. Mabaxoxe ngesango emakhaya, esikolweni nakwezinye iindawo abahambela kuzo.

Ulwimi: Makuxoxwe ngexesha langoku nexesha elizayo kusenziwa imizekelo. Elinye iqela linika isivakalisi sexesha langoku, elinye iqela liphendule ngexesha elizayo. Umz: ngoku ndiyatya, ngomso ndiza kutya.

Ukuzingela amagama: Fumana amagama apheleleyo kwiigridi.

Ixesha leBhayibhile: Funda ibali uthandaze.

Masifunde: Masifunde, sigqibezele ukubhala amagama a abhalwe ngamachaphaza.

Umdlalo: Makwenziwe umdlalo omalunga nengcuka.

Isifundo 4: Unyana wolahleko

Titshala/Mncedisi: Khomba emfanekisweni utata uze ubize igama “utata” baze abantwana balibize emva kwakho. Kwakhona biza igama ubhuti balibize emva kwakho. Bacacisele ngesandi u”t”. Funda ibali abantwana benze umdlalo belinganisa abakuve ebalini. Batshintshe ngokwamaqela ukuze bonke bathathe inxaxheba.

Ulwimi: Fakela amagama ashiiweyo.

Umsebenzi: Landela imiyalelo.

Masifunde: Funda isivakalisi.

Masibhale: Masigqibezele amagama abhalwe ngamachaphaza.

Isifundo 5: Ndincede bani?

Titshala/Mncedisi: Bakhombise umfanekiso wedonki, babize igama “idonki” emva kwakho. Cacisa isandi u”d”. Mabakhombe umfundisi emfanekisweni, baxoxe ngomsebenzi kamfundisi. Funda ibali.

Umdlalo: Bavumele benze umdlalo ngebali elo. Bacacisele ngommelwane olungileyo.

Ulwimi: Mabakhethe benze uphawu kwiimpendulo ezichanekileyo. Bohlule babe ngamaqela baphendule imibuzo, qiniseka ukuba onke amaqela azifumene zonke iintlobo zemibuzo.

Umsebenzi: Mabagqibezele bafakele amagama ashiiweyo.

Masifunde: Mabafunde isivakalisi.

Masibhale: Mabagqibezele amagama abhalwe ngamachaphaza.

Isifundo 6: Yenza okona kulungileyo

Titshala/Mncedisi: Khomba umfanekiso wedenariyo, mabaxoxe ngomfanekiso lowo ubabuze imibuzo: Nisakhumbula igama elithi “denariyo” ukuba lithetha ntoni? Kwakhona babonise umfanekiso wabasebenzi. Biza igama elithi “abasebenzi” balibize emva kwakho. Bacacisele ngedenariyo nabasebenzi.

Funda ibali: Bonisa umfanekiso ngamnye. Vuza umsebenzi wokuqala ngenkwenkwezi esifubeni.

Ixesha leBhayibhile: Funda ibali leBhayibhile uthandaze.

Masibhale: Siggqibezela amagama abhalwe ngamachaphaza.

Ulwimi: Fakela amagama kwizithuba ezishiyiweyo. Thelekisa amagama namanani.

Ezinye iindlela zokuphuhlisa ulwimi lwesiXhosa.

- Ukubhala emoyeni nokubhala esantini ngeminwe yabo.
- Ukudwelisa izivakalisi ngokulandelelana
- Imibuzo: Buza imibuzo efana noPhi? Nini? Ngoba? Njani? Yintoni?
- Unxulumano: umz umnqamlezo ongu-x obomvu uthetha u “hayi”.
- Isigama esibekwe edongeni
- Ukuqhweba nokubala izandi
- Oonotsheluzo
- Ukuzoba
- Ukugqibezela izandi
- Izibalo: Ukubala imigca yebali. Buza imibuzo efana nale, “Sesiphi isandi sokuqala nesokugqibela kwigama alinikiweyo?”
- Ukubalisa kwakhona ibali abalivileyo/abalifundileyo
- Ukufunda kunye okanye notitshala
- Amagama abizwa qho
- Ukusebenzisana ngokwamaqela

Qaphela: Musa ukungxamela ukuba abantwana bakho bafunde ngokukhawuleza. Thatha ixesha ujonge umgangatho abakuwo wokufunda. Bavumele bathathe ixesha labo. Zikisa ingqondo kwizinto abakwazi ukuzenza ukuze bafunde ngokudlala nangokonwaba.

Isifundo 7: Ukuhlwayela imbewu

Titshala/Mncedisi: Ixesha langoku nexesha eladlulayo. Bakhuthaze benze izivakalisi ezikwisifundo ngexesha langoku nexesha eladlulayo.

Mabaxoxe ngembewu eyahlwayelwayo neendawo eyawela kuzo.

- Endleleni
- Elulwalweni
- Elukhuleni nasemeveni
- Kumhlaba olungileyo

Bacacisele ngentsingiselo yoko kwakuthethwa nguYesu.

Vula ingxoxo ngokutyalwa

- Kothando
- Ububele
- Ukuthetha inyaniso

Zama ukuba wonke umntwana abe negalelo kulo mxholo. Bakhuthaze ukuba balime imbewu yabo kwiitoti zeyogadi bazijonge ukukhula kwazo.

Isifundo 8: Imithi elungileyo ithwala iziqhamo ezilungileyo

Titshala/Mncedisi: Mabaphendule imibuzo ebhalwe encwadini, ungababuza neminye engekhooyo encwadini. Mabaphendule imibuzo ngo-Ewe noHayi.

Ingxoxo: Mabathethe ngomthi owawuza kugawulwa. Yintoni isizathu sokuba ungade ugawulwe? Zama ukuba wonke umntwana afumane ithuba lokuthetha kulo mxholo.

Umsebenzi: Bakhuthaze ukuba bazobe umthi, bafakele amasebe, amagqabi neziqhamo. Bancome kulonto bayenzileyo.

Ukubhala: Mababhale amagama abhalwe ngamachokoza.

Isifundo 9: Yakha indlu yakho phezu kolwalwa

Titshala/Mncedisi: Ngoku / Ngoko

Mabenze umsebenzi osencwadini. Banike nezinye izivakalisi ezingekhoyo encwadini. Bakhuthaze ukuba bacinge ezabo izivakalisi. Bacacisele ngebali lendoda eyakha indlu yayo kumhlaba olulwalwa.

Ukuthetha: Mabathethe ngeentlobo-ntlobo zezindlu nokhuseleko lwazo.

- Amanqgwala
- Iintente
- Amatyotyombe
- Izindlu zezitena
- Izindlu zamaplanga
- Indlu yengca

Umsebenzi: Mabakhe izindlu ngeebhokisi zezihlangu besebenzisa iglu, izikere nezinye izinto zokuhombisa.

Mabacule: Bafundise iculo lendoda esisilumko.

Ukubhala: Mabagqibezele amagama abhalwe ngamachokoza.

Isifundo 10: Iintombi ezilishumi

Titshala/Mncedisi: Emva kokubafundela ibali, bacacisele ngentsingiselo yalo. Ungakhetha abalinganiswa babe lishumi bazame ukulinganisa ibali elo. Mabenze izibane ngamaphepha.

Bacacisele ngamagama afana nala alandelayo:

- Inqondi
- Iziyatha
- Ezinzulwini
- Umyeni
- Umtshato

Umsebenzi: Bakhuthaze benze iiwotshi ngamaphepha bazifakele amasiba.


Ulwimi: Mabathethe ngezichasi ubabizele namanye amagama angekhoyo kwisifundo. Bakhuthaze ukuba beze nawabo amagama, bancedise nabanye abantwana eklasini.

Ukubala: Mabenze umsebenzi wezibalo osencwadini yabo ukuze bazi izibalo.



Nceda uyithathe ngokucutha le ncwadi. Ukuba kukho nantoni na engathi inzima kumgangatho weklasi yakho musa ukunyanzelisa. Vumela abafundi bakho benze oko banako ukwenza. Nyamekela kwinto abakwazi ukuyenza. Kubalulekile ukuba ungabatyhafisi ekufundeni nasekubhaleni. Khumbula ukuba bafunda ngokudlala nangokuthandaza!

1. Imvu elahlekileyo



izimvu /
iigusha



abelusi

Khangela 👁️ Bonisa 🙋 Yitsho 🗣️ : yalahleka/yafunyanwa




Ixesha langoku nexesha eladlulayo

↓ Ixesha langoku: ngoku! 🗣️	↶ Ixesha eladlulayo: ngoku! 🗣️
Ngoku uyalahlekelwa.	Ngoko walahlekelwa.
Ngoku uyakhangela.	Ngoko wakhangela.
Ngoku uyafumana.	Ngoko wafumana.
Ngoku uyashiya.	Ngoko washiya.

UYesu wathi:  Umalusi wayenezimvu ezilikhulu kwaza kwalahleka enye yazo.

🗣️ 🙋 10 20 30 40 50 60 70 80 90 100


Wenza ntoni? Uyazishiya  izimvu ezingamashumi alithoba anesithoba endle aye kukhangela imvu elahlekileyo.

Aze abize zonke izihlobo zakhe athi:

Ndinovuyo! Ndiyifumene imvu yam ebilahlekile. Masivuye sonke.



Nceda umalusi afumane imvu yakhe:



ULuka 15:4-7

Kunjalo ezulwini. Kuba luvuyo ngomoni omnye ofunyenweyo, kunabo bangamashumi alithoba anesithoba abangalahlekanga.




Masibhale phezu kwamachokoza:

Umalusi ufumana igusha.

2. Idenariyo elahlekileyo



imali



isibane

Khangela Bonisa Yitsho : khangela/biza/fumana

Mfazi uthile ohluphekileyo uneedenariyo ezilishumi ulahlekelwa yenye yazo. Ukhanyisa isibane aze ayitshayele indlu yakhe. Ukhangela kuyo yonke indawo ade ayifumane.

Aze abize bonke abahlobo bakhe athi:




Ndiyavuya.
Ndiyifumene idenariyo yam.
Vuyisanani nam.

Ufakwa phi u “ya”?

Umntu omnye	Abantu abaninzi
Umfazi u-lahlekelwa.	Abahlobo bakhe ba-lahlekelwa.
U-tshayela.	Abamelwane bakhe ba-tshayela.
U-khangela.	Abahlobo bakhe ba-khangela.
U-fumana.	Abahlobo bakhe ba-fumana.



Fakela umbala ukufumana idenariyo elahlekileyo:



Iphi idenariyo?



Ingaba idenariyo isekhabhathini?



.....



Ingaba idenariyo iphezu kwekhabhathi?



Ewe, idenariyo i..... kwekhabhathi.




Masibhale phezu kwamachokoza:

Khangelala idenariyo
elahlekileyo.

3. Umalusi olungileyo



ingcuka







isango

Khangela  Bonisa  Yitsho  : ilungile/ayilunganga



Namhlanje nangomso

 Ngoku! 	 Ngomso! 
Namhlanje izimvu ziyahamba.	Ngomso izimvu ziza kuhamba.
Ngoku izimvu ziyabaleka.	Ngomso izimvu ziya kubaleka.
Ngoku ingcuka iyazibamba.	Ngomso ingcuka iya kuzibamba.

UYesu  wathi:

Indoda engangeni ngalo isango lesibaya sezimvu lisela nesihange.

Indoda engena kulo isango ingumalusi. Izimvu ziyalazi ilizwi lakhe. Ziza kumlandela.

Aziyi kulandela omnye umntu. Zakubaleka.

Umalusi ongalunganga akazikhathalelanga izimvu zakhe.




Uya kubaleka xa kusiza ingcuka. Ingcuka izifumane.



UYesu waphinda wathi:



Ndingumalusi olungileyo. Ndiyazazi izimvu zam yaye nazo ziyandazi. Ndizimisele ukuzifela izimvu zam.



Masizame ukufumana la magama sifakele isangqa:

p	t	i	s	a	n	g	o
l	h	n	g	c	u	k	a
a	a	y	i	f	t	l	z
n	n	a	z	u	h	u	m
d	d	z	i	m	a	n	n
e	a	i	m	a	n	g	k
l	y	b	v	n	d	a	h
a	o	c	u	a	o	x	v

isango
landela
fumana
ngcuka
yazi
thandayo
lunga
uthando
izimvu



Masibhale la magama achokoziweyo:

Ndi yazazi ezam izimvu.

4. Unyana wolahleko!



utata



abakhuluwa

Khangela Bonisa Yitsho : ulambile/unomsindo



Ixesha langoku nexesha elidlulileyo

Ngoku: namhlanje	Ngoko: izolo
Uyifuna ngoku unyana.	Uyifunile ngoko unyana.
Ngoku unyana uyahamba.	Uhambile ngoko unyana.
Namhlanje uyise uyamnika.	Kule veki iphelileyo uyise umnikile.
Ngoku uyayichitha imali yakhe.	Ngoko uyichithile imali yakhe.
Namhlanje ulambile.	Ngoko ebelambile.

Indoda esisityebi yayinoonyana ababini.

Wathi omnye kuyise:

Ndinike yonke imali yam. Ndifuna ukuhamba.


Waza uyise wamnika imali yakhe, waza waya elizweni elikude. Wafika apho wayichitha yonke imali yakhe ephila ubomi obubi. Emva koko

zange abenakutya.  Walamba kangangokuba
wafuna ukutya  neehagu.



Ndilambile!
Nceda ndiphe
ukutya
kweehagu.




Hayi, oko kutya
kokweehagu, asikuko
okwabantu.



Wakhala esithi:



Abaqeshwa bakaBawo banokutya
okuninzi, naku mna ndilamba apha.
Ndonile: Uxolo, Bawo. Andifanele ukubizwa
njengonyana wakho. Ndenze ndibe
ngomnye wabaqeshwa bakho.

Ngoko wabuyela  kuyise. Uyise  wambona
esiza esekude.  Wabaleka waya kunyana
wakhe waza wamanga.

Ndixolele Bawo ndonile.
Ndakusebenza njengomnye
wabaqeshwa bakho.



Waza uyise wamnika impahla entsha,
umsesane nokona kutya kuhle. Wathi
umntakwabo akuyibona le nto wacaphuka
kakhulu:



Ndisebenza nzima ze ndizuze ntoni?
Andizuzi nto tu! Umntakwethu uyichithe
yonke imali yakhe kwizinto ezimbi.
Ufumana ntoni? Umsesane, iimpahla
entsha nokutya!

Uyise wathi:

Kutheni ucaphuka kangaka? Usoloko
unam wena. Kodwa umntakwenu
ebelahlekile, ngoku ufunyenwe.
Masonwabe kunye!



ULuka 15:11-32

Kunjalo kuThixo uyavuya xa sithe safumana indlela
sabuyela kuye.



Masiguqule amagama abiyelweyo kwisivakalisi ngasinye
ukubonakalisa ukuba sele yenzekile into:

U(mnika) imali.

Izolo imali.

Ndi(lambile).

Izolo

Ndi(ya) kubawo.

Izolo kubawo.



Imisebenzi: Usapho lwam

- Yenza umzobo wosapho lwakho okanye oluthandayo.
- Yenza usapho lwephaphethi. Kufuneka amaqokobhe ethoyilethipheyipha, iglu, ikhrayoni, iwulu, imicwe yamaphepha ayimibalabala, iimagazini okanye amaphephandaba asikiweyo, apho kuza kusikwa ubuso bosapho. Yenza lonke usapho ngokuthi ufakele ubuso kwilungu ngalinye losapho. Sebenzisa iwulu okanye imicwe yephepha ukwenza iinwele. Amanye amalungu osapho asenokuba made. Bathiye amagama.




Masibhale amagama akumachokoza:

Waye **lambile**.

Umntakwabo waye **nomsindo**.

Uyise wa **vuyela**.

5. Ndincedede bani?



idonki /
iesile



umfundisi

Khangela Bonisa Yitsho : wahamba/wabona/suka phi



Ixesha langoku neladlulayo

↓ Ngoku!	Sele kwenzeka.
Ndinceda ngoku.	Ndanceda ngoko.
Namhlanje uyahamba.	Kudala wahamba.
Yonke imihla bayahlamba.	Bahlamba.
Namhlanje abaphangi bahlasele.	Kwiveki ephelileyo bahlasela.

Indoda ethile yayihamba isuka kwenye idolophu isiya kwenye.

Endleleni abaphangi bamhlasela. Bambetha baza bamshiya endleleni.

Kweza umfundisi endleleni apho.

Wayibona indoda kodwa akanceda.

Umsebenzi wasetempileni wadlula endleleni apho. Wayibona indoda.

Naye akazange amncede.



Ayingomsebenzi wam ukumnceda.

Kwaphinda kwadlula umhambi uthile evela kwelinye ilizwe. Wayibona indoda waza wayisizela.

Owu, usizana lwendoda!
Mandimncede!



Wayihlamba amanxeba ayo waza wayikhwelisa e-esileni lakhe indoda leyo. Wayisa kwigumbi labahambi. Umhambi waba nobubele kakhulu. Wahlawula umnikazi wegumbi ukuba amonge.

UYesu wabuza:

Ngubani na oyena mmelwane wale ndoda?

Abantu bathi:

Ngumhambi owamncedayo.

Waza wathi uYesu:

Hambani niyokwenza njalo nakwabanye.



ULuka 10:30-37



Phawula impendulo eyiyo:

Ngubani owahlaselwa ngabaphangi?

ngumfundisi

yindoda

ngumhambi

Bamshiya phi?

endlwini

endleleni



Ngubani owadlula ngakuye?

ngumhambi

ngumsebenzi wasetempileni

Wancedwa ngubani?

ngumfundisi


ngumhambi



Wamsa phi?

etempileni

egumbini labahambi




Imibuzo: ngubani, ntoni, phi

Indoda yayisiya edolophini.	Ngubani owayesiya edolophini?
Abaphangi bayibetha.	Benza abaphangi?
Umhambi wamnceda. owancedayo?
Wamsa kwigumbi labahambi.	Wamsa?
Waba ngummelwane olungileyo.	Ngu..... ummelwane olungileyo?



Masincede umhambi afumane indoda eyonzakeleyo ukuze ayise kwigumbi labahambi:



Masigqibezele amagama angamachokoza:

Yiba nobubele kwabanye.

6. Yenza okona kulungileyo



imali



abasebenzi

Khangela 👁️ Bonisa 🧑🏻 Yitsho 🗣️:
eyokuqala / eyesibini / eyesithathu



Ixesha langoku nexesha elizayo

↓ Ngoku! 🗣️	↩️ Iseza kwenzeka! 🗣️
Ngoku ndiyathatha.	Kwiveki ezayo ndiza kuthatha.
Namhlanje umqeshi uyanika.	Ngomso umqeshi uya kunika.
Ndisoloko ndibuya.	Ndiya kusoloko ndibuya.
Namhlanje benza kakuhle.	Ngomso baya kwenza kakuhle.

Kwakukho isityebi sendoda esathabatha uhambo. Wabiza abasebenzi waza wabanika amaqhekeza egolide.

Owokuqala umsebenzi wamnika amaqhekeza amahlanu egolide.

Owesibini umsebenzi wamnika amaqhekeza amabini egolide. Owesithathu umsebenzi wamnika iqhekeza elinye egolide.

Umsebenzi owayenamaqhekeza amahlanu egolide wasebenza ngamandla.

Wenza amaqhekeza ama-5 ngaphezulu.

$$5 + 5 = \square$$

Umsebenzi owayenamaqhekeza ama-2 wenza ama-2 ngaphezulu.

$$2 + 2 = \square$$

Umsebenzi owayeneqhekeza eli-1 walombela emhlabeni.

$$1 + 0 = \square$$

Umqeshi wabuya wababuza:

“Nenze ntoni ngegolide ebendinike yona?”

Owokuqala wathi: “Mhlekazi, ubundinike amaqhekeza ama-5 egolide, ke mna ndenze amanye amaqhekeza ama-5 ngaphezulu!”

“Wenze kakuhle! Ndakukuvuza.”

Owesibini wathi: “Mhlekazi, ubundinike amaqhekeza ama-2 ndaza ndenza amanye

ama-2 ngaphezulu.”

“Wenze kakuhle. Ndakukuvuza.”

Waza wabuza owesithathu owayefumene iqhekeza eli-1, “Wenze ntoni wena ngeqhekeza legolide eli-1 endikunike lona?”

Waphendula wathi: “Uyindoda enobunganga. Ndoyikile ndaza ndalifihla elam iqhekeza legolide.”

“Sicakandini esilivila! Ndiza kulithatha iqhekeza legolide kuwe ndilnike lowo obenama-5.”

Wonke umntu ozama kakhulu, uya kuvuzwa ngaphezulu. Abo bonqenayo baya kulahlekelwa kokuncinane abanako.



 Gqibezela:

Sebenza musa ukonqena.



Masisebenzise amagama angezantsi ukugqibezela imibuzo:

ya

vuza

vuzwa

hlutha

Uya kwenza ntoni umhlekezazi kumqeshwa obe namaqhekeza amabini?

Umhlekazi u..... kum.....

Uya kwenza ntoni umhlekezazi kumqeshwa obeneqhekeza eli-1?

Umhlekazi uya kum

Kuya kwenzeka ntoni kumntu owenze kakhulu?

U..... ku..... ngakumbi.



Masithelekise la manani namagama:

•	1	inye	zine
••	2	zimbini	zintlanu
•••	3	zintathu	zilithoba
••••	4	zine	zintandathu
•••••	5	zintlanu	zilishumi
••••••	6	zintandathu	zintathu
•••••••	7	zisixhenxe	zisibhozo
••••••••	8	zisibhozo	inye
•••••••••	9	zilithoba	zisixhenxe
••••••••••	10	zilishumi	zimbini

7. Ukuhlwayela imbewu



elukhuleni







imbewu

Khangela  Bonisa  Yitsho  : tyala/fumana



Ixesha langoku nexesha eladlulayo

 Ngoku 	 Eladlulayo: Kudala 
Namhlanje umhlwayeli uyahlwayela.	Izolo umhlwayeli wahlwayela.
Ngoku imbewu iyawa.	Izolo imbewu iwile.
Ngoku iintaka zitya imbewu.	Izolo iintaka zatya imbewu.
Rhoqo ngonyaka imbewu iyakhula.	Kunyaka ophelileyo imbewu yakhula.

Umhlwayeli waphuma esiya kuhlwayela imbewu. Enye imbewu yawela endleleni.

Iintaka zafika zayitya imbewu.

Enye imbewu yawela elulwalweni. Enye yayo imbewu yaqala ukukhula.

Kodwa ayizange ifumane amanzi

yakhawuleza yoma.

Enye imbewu yawela elukhuleni nasemeveni.

Kwakungekho ndawo yokuba izityalo zikhule.

Eseleyo imbewu yawela kumhlaba olungileyo.

Izityalo zakhula, zabheka phambili.

Zanda kali-100 ngaphezu kokuba umhlwayeli

ezihlwayele.



Waza wathi uYesu: imbewu ngumyalelo kaThixo. Imbewu eyawela endleleni ngabantu abalivayo ilizwi baze balilibale kamsinya.

Imbewu eyawela elulwalweni ngabantu abawamkelayo umyalezo baze boyisakale xa izinto zingabahambeli kakuhle.


Imbewu eyawela phakathi kokhula nemithana
enameva ngabantu abawufumanayo
umyalezo, ntokunayo baxakeke kakhulu
besenza izinto zabo. Umyalezo awukhuli
ezintliziyweni.

Imbewu eyawela kumhlaba olungileyo
ngabantu abawuvayo umyalezo baze
bawuvumele ukhule ezintliziyweni, uze unike
imbewu engaphezulu.




Kwenzeka ntoni kuqala?


Beka imbewu ngokulandelelana ukusuka ku-1-4:



Enye imbewu yawela phakathi kokhula nameva.



Enye imbewu yawela elulwalweni.



Enye imbewu yawela kumhlaba olungileyo.



Enye imbewu yawela endleleni.



Ingxoxo: Ukutyala ezigadini zethu.

Sityale eyiphi imbewu?




Masifake imibala emifanekisweni:



Umsebenzi: Masityale imbewu ezitotini okanye ezikomityini. Lo ngumsebenzi wexesha elide.

Masibhale la magama: “Uthando”, “Ukuxolela”, “Ububele”.

8. Imithi elungileyo ithwala iziqhamo ezilungileyo







umthi



Khangela  Bonisa  Yitsho  : amakhiwane/idiliya



Yenza + sukwenza; Iyenza + ayenzi

Imibuzo 	Iimpendulo 
Ingaba amakhiwane ayakhula kwimithi enameva?	Hayi, akakhuli.
Ingaba umthi ongalunganga uthwala iziqhamo ezilungileyo?	Hayi, awuzithwali.
Ingaba imithi elungileyo ithwala iziqhamo ezilungileyo?	Ewe, iyazithwala.
Ingaba indoda engalunganga ithwala iziqhamo ezilungileyo?	Hayi, ayizithwali.

Ngenye imini uYesu  wathi: “Umthi  olungileyo awuzithwali iziqhamo ezingalunganga.

Kwaye nomthi ongalunganga awuzithwali iziqhamo ezilungileyo. Wonke umthi  uneziqhamo  zawo.”

Amakhiwane akakhuli ezihlahleni yaye iidiliya

azikhuli kwimithi enameva.

Umntu olungileyo uzisa okulungileyo entliziyweni yakhe.

Umntu ongalunganga uzisa izinto ezingalunganga entliziyweni yakhe.

Umlomo uthetha into esentliziyweni.



Masiphendule imibuzo: Ewe okanye Hayi

Ingaba umthi olungileyo uthwala iziqhamo ezilungileyo?

Ewe, umthi olungileyo iziqhamo ezilungileyo.

Ingaba umthi onameva uyawathwala amapere?

....., umthi onameva amapere.

Ingaba amakhiwane akhula emthini womkhiwane?

Ewe, amakhiwane emthini womkhiwane.

Ingaba iidiliya zikhula emthini we apile?


Hayi azi kwimithi yama-apile.

 UYesu wabuya wathi:

Kwakukho ndoda ithile eyaye inomthi

womkhiwane  esitiyeni sayo. Ngenye imini

wakhangela amakhiwane emthini lowo.

Kwakungekho makhiwane. Wathi  kumlimi wawo: “Andizange ndifumane makhiwane kulo mthi. Wugawule!”

Kodwa umlimi wathi: “Wunike nje unyaka omnye! Ukuba awenzanga kakuhle kunyaka olandelayo, sakuwugawula ke ngoko.”



Masithethe:

1. Kwakutheni ize indoda ifune ukuwugawula umthi?
2. Ucinga ukuba umthi kwakufuneka unikwe omnye unyaka?
3. Wena ucinga ukuba uthwele eziphi iziqhamo?



Masizobe iziqhamo sizifakele imibala:

iapile:

iidiliya:




Masifumane amakhiwane. Mangaphi amakhiwane akhoyo?



Masigqibezele umthi ngokudibanisa amanani.



Masifake umbala emthini.



Masigqibezele amagama angamachokoza:

UThixo usoloko esinika *ithuba*
 loku*tshintsha*.

9. Yakha indlu yakho phezu kolwalwa



umzi



ulwalwa

Khangela 👁️ Bonisa 🙋 Yitsho 🗣️ : inzulu/inamandla



Funda ezi!

↓ Ngoku	↶ Ngoko	↓ Ngoku	Ngoko ↶
yakha	wakha	beka	wabeka
vuthela	wavuthela	yiza	weza

Ubukumkani bukaThixo bufana nendoda eyingqondi eyakha umzi wayo phezu kolwalwa.

Womba nzulu wabeka isiseko esomeleleyo.

Kwathi xa kufika imvula kuvuthuza umoya, indlu yakhe zange iwe.

Kodwa ukuba umntu uyaweve amazwi am aze angenzi ngokomyalelo wam, ufana nomntu owakhe umzi wakhe phezu kwesanti.

Kuya kuthi xa kusina imvula loo natu idilike.



Imisebenzi onokukhetha kuyo:

1. Thetha ngeentlobo zezindlu umz. iintente, amanqugwala, amatyotyombe okanye izindlu zezitena. Yintoni eyenza indlu ikhuseleke?
2. Yakha indlu usebenzisa izinto ezinjengeebhokisi, iibhokisi zamaqanda okanye ezezihlangu. Uya kufuna iglu, isikere, neekhrayoni.



Cula usike ingoma:



UMateyu 7:24-27

Isilumko sendoda sakha umzi waso

Isilumko sendoda sakha umzi waso elulwalweni (3x)

Yaza yana imvula

Yana imvula zaza izikhukhula zenyuka (3x)

Kodwa indlu yesilumko yema imi

Isiyatha sendoda sakha indlu yaso phezu kwesanti (3x)

Yaza yana imvula.

Yana imvula zaza izikhukhula zenyuka (3x)

Yaza indlu yesiyatha sendoda yadilika! (1x)


Ngoko, yakha indlu yakho ngaphezu kweNkosi uYesu

Krestu (3x)


Iintsikelelo zakuphuphuma.

Copyright: ayazina

10. Iintombi ezilishumi



izibane



ucango

Khangela 👁️ Bonisa 🙋 Yitsho 🗨️ : izilumko/izidenge



Iintombi ezilishumi zazilinde umyeni.

Zathabatha  izibane zazo zaza zalinda.

Ezintlanu iintombi azizange zize ne  oli

eyanele  izibane zazo. Zazingenangqondo kakhulu.

Ezintlanu iintombi zeza ne  oli engaphezulu


ye  zibane zazo. Zazinengqondo kakhulu.

Kwahlwa kakhulu zaza iintombi zozela  zalala.

Ezinzulwini zobusuku zeva: “Nanko umyeni

esiza! Phumani nimkhawulele!”

Iintombi ezintlanu zakhanyisa izibane zazo. 

Iintombi ezintlanu ezizidenge zathi: “Yho izibane ziyacima. Sipheni kwioli yenu leyo.” 



Hayi, ayinakonela thina nani.
Hambani niye kubathengisi
nizithengele eyenu!

Zaza iintombi eziziyatha zaya kuthenga ioli. 

Ngoko wafika umyeni.  Iintombi ezintlanu

ezizingqondi zaya emtshatweni zaza


zavalwa iingcango.   Iintombi ezintlanu

eziziyatha zabuya ucango sele luvaliwe,

zankqonkqoza zisithi!

“Nkosi, Nkosi sivulele!”

“Inene, inene andinazi nina!” watsho umyeni.



UMateyu 25:1-13

“Phaphani ngoko, ngokuba ningayazi imini
kwanalo ilixa.”



Ngubani ixesha?



Ngubani ixesha?

Ixesha yintsimbi ye



Iintombi ezilishumi zilinde umyeni.

Ngubani ixesha?

Ixesha yimizuzu eli emva kweyesi

Ufikile umyeni?

Hayi, a..... kafiki.



Iintombi zadinwa zaza zalala.

Ngubani ixesha?

Ixesha yintsimbi ye



Wafika ngabani ixesha umyeni?

Wafika ngentsimbi ye

Ingaba iintombi eziziyatha zafika ngethuba

emtshatweni?

Hayi, a..... zifike nge.....



Umsebenzi:

Masenze ubuso bewotshi, neengalo oza kumana uzishukumisa ukwenza amasiba ewotshi. La masiba ngawo la aza kubonisa ixesha.



Ngamanye amaxesha izandi ezithile zibhalwa ngokwahlukileyo. Funda le ngoma ilandelayo. Khangela isandi nopelo lwamagama anombala. Dibanisa amazwi afaneleneyo:



Izicengcelezo zokubala



Inye zimbini.

Ilanga kwathiwa yimini.

Bathathu bane,

Abantu ngabenkosi.

Zintlanu zintandathu zisixhenxe,

Iintombi zile

Iinkuni zisibhozo,

Lithoba lishumi,

Mkhulu!

Uya kubuya eze ngemini enkulu.

ish__i

kh__u

zil__e

nk__u

yim__i

nta__u

aba__u

zisixhe__e

iink__i

zimb__i



Masibhale amagama akumachokoza:

Phaphani ngalo lonke

ixesha.



Amagama usebenzisa imilebe, ulwimi namazinyo

sh	Mb	Mp
igusha	Umbona	Impama
eSheshegu	Imbiza	Impuku
ishumi	Imbawula	Impondo



Izichasi

Abafundi mabalandele besitsho ezi zichasi:

Unxunguphalo	>	Ulonwabo
Ilahlekile	>	Ifunyenwe
Ilungile	>	Ayilunganga
Ilumkile	>	Isisiyatha



Imisebenzi yezibalo

Leliphi inani elilandelayo?

1 2 3 4 5 6 7 8 9 10 11 12 13 14 15 16 17 18 19 20 21 22 23 24 25

1 3 5 19

Apha amanani ashiyana ngesibini elinye kwelinye inani.

2 4 6 20

Apha amanani anomahluko we---phakathi kwelinye nelinye inani.

2 5 8 14

Apha kukho umahluko we---phakathi kwelinye inani nelinye inani.



Le incwadi ikumgangatho olandelayo woluhlu lweencwadi zokufunda. Ifundisa ubuchule bokufunda ngamabali ayebaliswa nguYesu ngobukumkani bukaThixo. Isekelezwe kwinkqubo yokuFunda noKwenza equka bonke ubulumko babafundi ekufundeni. Ukufundisa kwenziwe lula ngokusetyenziswa kwemifanekiso eggamileyo, oonotsheluzanemisebenzi efana nokufunda, ukubhala, izibalo, ukuzoba nokucula. Le ncwadi iquka isikhokhelo sikatitshala, amacebiso okufundisa noonotsheluzan.



TEACH THE A B C OF THE BIBLE

Children's Bibles for every age group and in various languages.



My first Read and Learn Bible (ages 2-6)



Read and Learn Bible (ages 7-12)



Sesotho, isiXhosa and isiZulu (ages 9-12)



Distributed by the Bible Society of South Africa
www.biblesociety.co.za

United Bible Societies is an NGO partner with UNESCO.